Isalathiso: 20200626-6684
Inombolo yefayili: 12/9/2
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0008/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukutshintshwa apha naphaya kwekharityhulam, uhlaziyo kwi-*School-based Assessment (SBA)* nakwi-*Practical Assessment Tasks* zango-2020 ze-*Sport and Exercise Sciences, Equine Studies, Maritime Economics* ne-*Nautical Science*

1. Ukuvalwa kwezikolo ngenxa kabhubhane we-*Covid-19* kubangele ukuba kube yimfuneko ukufakelwa kwezilungiso kwiimfuno ezimiselweyo nakwimihla yokugqitywa kwee-*School-based Assessment (SBA)* nee-*Practical Assessment Tasks (PATs)* kwizifundo ezikhethiweyo.

2. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukwazisa izikolo ngotshintsho olucetywayo kwikhontenti yekharityhulam, izilungiso ezifakelwe kwiimfuno ezimiselweyo ze-*SBA* ne-*PAT* ze-*Sport and Exercise Science, Equine Studies, Maritime Economics* ne-*Nautical Science* kwiBakala 10, 11 nele-12 ukwenzela u-2020.

3. Izilungiso ezifakelweyo, njengoko zifunyenwe kwiSebe leMfundo esiSiseko, (ISebe iDBE) ziqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane. Ngokubanzi, izilungiso ezifakelweyo zimalunga noku kulandelayo:

   - Kwi-*Sport and Exercise Science*: Iimfuno ezimiselweyo ze*SBA* ezihlaziyiweyo ukwenzela u-2020 nemiyalelo ehlaziyiweyo kubaviwa ngokumalunga nee-*PATs*;
   - Kwi-*Equine Studies*: Iimfuno ezimiselweyo ze-*SBA* ezihlaziyiweyo ukwenzela u-2020 nee-*PATs* zango-2020 ezifakelwe izilungiso;
   - Kwi-*Maritime Economics*: ISetyhula 79/2020 ye-*Independent Examining Board (IEB)*, yomhla we-02 Juni 2020 noxwebhu oluqhotyoshelweyo oluneemfuno ezimiselweyo ze-*SBA* ezifakelwe izilungiso zango-2020 kwakunye nokutshintshwa apha naphaya kwekharityhulam kumaBakala 10 no-11; kunye

- Kwi-*Nautical Science*: ISetyhula 80/2020 ye-*IEB*, yomhla we-02 Juni 2020 noxwebhu oluqhotyoshelweyo lweemfuno ezimiselweyo ze-*SBA* ezifakelwe izilungiso zango-2020 kwakunye nokutshintshwa apha naphaya kwekharityhulam kumaBakala 10 no-11.

4. Kwiimfuno ezimiselweyo ezithe ngqo uyacelwa ufunde ezi zihlomelo zilandelayo:

Annexure A: *Sport and Exercise Science, revisions to SBA and PAT for 2020;*
Annexure B: *Equine Studies,* uhlaziyo kwi-*SBA ne-PAT zango-2020;*
Annexure C: *Maritieme Ekonomie IEB Omsendbrief 79 van 2020, verdere hersiening;*
Annexure D: *Maritime Economics IEB Circular 79 of 2020,* somhla we-02 Juni 2020*,* uhlaziyo olulolunye*;*
Annexure E: *Maritime Economics,* uhlaziyo olulolunye*;*
Annexure F: *Nautical Science IEB Circular 80 of 2020,* somhla we-02 Juni 2020*,* uhlaziyo olulolunye*;*
Annexure G: *Seevaartkunde IEB Omsendbrief 80 van 2020, verdere wysigings;* kunye/okanye
Annexure H: *Nautical Science,* uhlaziyo olulolunye.

5. Imibuzo malunga nezilungiso ezifakelweyo zango-2020 kwi-*SBA* ne-*PATs* ze-*Sport and Exercise Science, Equine Studies, Maritime Economics* ne-*Nautical Science* zimele ukuthunyelwa ngqo kubaququzeleli bovavanyo kwii-ofisi zezithili.

6. Ziyacelwa iinqununu namagosa ezithili ukuba bazise ngokuqulethwe kule ngcaciso imfutshane abasebenzi, abazali nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-08-07